



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-15.

---

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Impendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebbale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. (**Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye**).
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpPENDULO. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpPENDULO.
7. **Imibuzo esisincoko.**

Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

**Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA / ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI / BUBUXOKI okanye LULUVO / YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

**ICANDELO A: ISIHOBE****IMIBONGO EMISELWEYO****ISINGQI SENKULUNGWANE – PM QANGULE, MG MDLIVA****UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SOMHOBE)****UNongqawuse – PM Qangule**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindela umfundu awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-13 ukuhlola lo mbuzo.
- Umfundu kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

**Inkcaza yethoni**

- Ithoni ifumaneka kwisigama esithi sityale umoya othile.
- Ivelisa indlela imbongi evakalelwa ngayo ngento ethile.
- Isityhilela ukuba imbongi ingaba iyayithanda okanye iyayicaphukela na loo nto ithetha ngayo.

**Ithoni ngokokubonakala kumbongo**

- Ivakalisa ukuba umona awunamandla ngokusebenzisa isigama esikumqolo 1,2, 6, 14. Ixela ukuba ayondlekanga le nginga, kwaye kuyacaca ukuba ungayoyisa koku kungcokocha kwayo ikubabazayo. Engondlekanga-ukubonisa ububi, ukungabukeki nokungathandeki komona. Enqinileyo-imbongi ikwagxininisa koku ngathandeki nokungamkeleki nokungabukeki komona
- Iphindaphinda igama ‘yingcinga’ ukukhumbuza nokubethelela ingcinga yokuba ixhomekeke kuwe.
- Iyawugxeka iwubeka amabala ukuba ngumtshabalalisi ongenanceba-imbongi apha ityhila ukungabi nalusini komona. Ithoni nje yembongi ityhila uvakalelo lwayo lokuba isifo umona isichasile, iwutyibeka ngamagama anobuzaza nawoyikisayo
- Iwubona uzondla ngezinto ezixatyisiweyo luluntu-uxolo nothando.
- Iwuchaza njengomkhwa ongenavumba limnandi ize iwufanise nevumba lomzondo.
- Ubudlakadlaka bupuhlisa ukungakhuseleki/ ukungenwa lula zizifo ezitshabalalisayo. Uyalumkisa kwabo baya kuzambathisa ngawo ukuba baya kungenwa lula zizifo ezihlaselayo.
- Imbongi iwubona ungalunganga, umdaka / uqulethe ubumdaka/ kwindawo ekumele ukuba icocekile.
- Ikhetha isandi u’x’ isiphindaphinde ngemfanzandi ukupuhlisa umsindo enawo ngesi sithako singumona ebomini bomntu.
- Xa iyichaza njengenkanyamba ityhila ukuba nzulu kwayo okanye ukuthatha indawo enkulu kwabo banikezelana ngayo maxawambi behleba begxeka ize izincothule neengcambu iziseko zokuhlalisana nokhuseleko eziluthando, uxolo, benzakale abantu.

- Iyamlukisa owuncwasileyo ukuba angalokothi kuba indima yayo bufana neyehagu, ayinankqubela ivunduza nje ukuba kungonwatywa. Kwa-umhlaba olinywe ngemhemfu yehagu awunakutyala nto kuwo kuba uphazanyiswe nje ukumosha awunabunzulu bakwenza nto ngaphandle kokumosha.
- Xa iwubiza ngenyikima ilumkisa igxeka ifuna sibe nomfanekiso wento echukumisa iziseko zendlu eyomeleleyo iyanze ibe neentanda eziyenza ingabukeki nokuba sele intsha kangakanani. Lilonke iyenyelisa ayifuni mntu unyathela ngakuwo umona.
- Phakamisa ukungajongeki ngenxa yobubi, ilephuza amadangatye kumehlo ayo/inkangeleko/ukupuhuhlisa ubungozi kuba akuthethiswana kakuhle apho ukhoyo umona abantu bayenzakalisana bajulelana izixwexwe zamagama enzakalisayo bexexebulana sebejonganana.
- Ityhila ukungabi nanjongo zintle nantlalo intle iwufanise nomqala oqalekisayo. Kuba onomona akathethi kakuhle akanqweneleleli mntu nto intle.
- Imbongi isebezise isigama esibangela ukuba umntu acezele kumona, nalowo unomona arhwaqele azinxweme kuwo.

[Nayiphi impendulo echanekileyo]

[10]

## OKANYE

### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### UNongqawuse – PM Qangule

- 2.1 Yeyokuba kwakuhluthwa √√/ yendyebo. √√ (2)
- 2.2 Kuba uyabalisa ngokusebenzisa izixhobo zokubalisa ezifana nexesha eladlulayo, umzekelo ‘ubuhle babuncokola ... / Mhla latshon’emini .../ kwasala kuthe lwale. √√/ ungesiganeko esiyimbali sikaNongqawuse √√

[Nayiphi imizekelo echanekileyo ekulo mbongo] (2)

- 2.3 Eyokuba lo mba kaNongqawuse wawuthethelwa phantsi. √ (1)
- 2.4 Igwada lokuthimlis’ isizwe sisale sididekile √ (1)
- 2.5 Sisifaniso √ / Sisikweko √  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.6 Eyokuba uNongqawuse lo wathi ebantwini uthunywe yiminyanya. √ (1)
- 2.7 Kwesokuqala kumnandi kuyahluthwa√ kwesesibini ityele umoya wokudakumba. √ (2)

[10]

## OKANYE

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****Iiselula – MG Mdliva**

- 3.1 Unika intsingiselo yokuba ngabantu abayenza ise imiyalezo kwabanye abantu. √√ / eyokuba ayali iwenza ngemfezeko umsebenzi wokuthutha imiyalezo. √√/ eyokuba ayikhethi bala lamyalezo iwuhambisa njengoko unjalo ukusuka kulowo uyinikileyo. √√  
[Nayiphi kwezi] (2)
- 3.2 Kuba uyachaza, √√ usebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nemisebenzi yeselula. /uncedo Iweselula/abantu abafumene imiyalezo kuyo baba njani. √√ (2)
- 3.3 Eyokuba esi sixhobo siyonwabiso √/ eyokuba abafumene umyalezo bayonwaba ngenxa yemiyalezo abayifumeneyo. √ (1)
- 3.4 Elowo nalowo ukuthembile. √ (1)
- 3.5 Sisimntwiso. √ (1)
- 3.6 Eyokuba kwimisebenzi yayo kukho lo wongeziwego √ / iyabandakanyeka nakomnye umsebenzi. √ (1)
- 3.7 Ngumoya wokuyithanda nomoya wokuyicaphukela ngeenjongo ezahlukileyo esetyenziselwa zona iselula. √√ (2)
- [10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UNkosi Jongumsobomvu Maqoma – MG Mdliva**

- 4.1 Unika intsingiselo yokuba ngumntwan'egazi kwaRharhabe akangxengwanga. √√ (2)
- 4.2 Kuba uvula ngesikhahlelo √√/ ubonga inkosi √√/ unembali kaRharhabe. √√  
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 4.3 Eyokuba wayesezintlungwini ezinkulu kuba wayedutyulwe √/eyokuba wayeqaqanjelwa kanobom √  
[Nayiphi kwezi] (1)
- 4.4 Kusale kungamabhadlo kugqub'izithunzela kowethu. √ (1)
- 4.5 Sisibaxo/ lugqithiso/ lubabazo. √ (1)
- 4.6 Eyokuba isenzo esasisenziwa kuye uJongumsobomvu √ / sasiqhubeka oko singaphezi. √ (1)
- 4.7 Ngumoya wokumthanda uJongumsobomvu nomoya wokuthiya abenzi bobubi ababemphethe kakubi. √√ (2)
- [10]**

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UNkosana “The Happyboy” Mgxaji – N Thuthani**

- 5.1 Unika intsingiselo yokuthi gqi kukaMgxaji ngomfutho omkhulu kwezamanqindi engalindelwanga kwelaseMonti. √√ (2)
- 5.2 Lithole leduna √ iselidiyongosi. √ (2)
- 5.3 Lidudula linqunqel’ ooXholovane kwelaseMonti. √ (1)
- 5.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso. √ (1)
- 5.5 Isitanza ngasinye sakhiwe ngemiqolo emihlanu. √√ (2)
- 5.6 UHappyboy Mgxaji yimbethi manqindi yaseMonti eyayiyinjinga kwezamanqindi. √√ (2)
- [10]**

**AMANQAKU ECANDELO A:**   **30**

## ICANDELO B: INOVELI

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphendule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- Kumbuzo omde, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

## UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NGENXA YESITHEMBISO – M Nkohla

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.

Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokusinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabafundi. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-14 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:  
Kudala impixano ehamba ngolu hlobo;**

- UDJ waziswa ngezigqibo zentlanganiso angamenywanga kuyo zokuba yena uza kukhokela uphando Iwamabanjwa aqhawuleyo ngelimlobela ukuba abe ngomnye weqela elaphula umthetho, ababethe ngemfiphindiwe ngelithi uza kurhoxa esipoliseni ngenxa yempilo.
- UDJ uzenza igqwetha elilwela amalungelo oluntu elinguZweni Malahle aye kumshicileli oyintloko afune ulwazi malunga apha kumhleli-bakufumana olu lwazi ngeli gqwetha ooDada abulali uboya babo.
- UDJ uyalela ukuba uDada anikwe umsebenzi owodwa kwinkampu ekude ukuze atheneke amandla angafumani nkukacha zakunikisa koogxa bakhe abayimigulukudu. Oku kwenziwa ngokuthi ahanjiswe namapolisa amathathu ukuze angaqondi ukuba oku kugxile yena.
- UDJ ucela ukunqunyanyiswa kukaSajini Ndaba isithuba senyanga.
- Kwindlu kaDada ufumana uluhlu Iweenombolo zefowuni ezingenamagama abantu ezikrokrisayo nevidiyo khasethi apha wafumana imifanekiso yala mabanjwa.
- Uyazithengisa ezama ukukhusela uNomvuyo kutsotsi owayefuna ukohlutha imoto yakhe bajjisane ngompu ade afe utsotsi kanti asitsotsi nje ngomnye wemigewu efunwayo uNeo- abe ufile owokuqala umgewu.
- Ugqabhuza amavili emoto kaNdaba eHeshele, afike kwigumbi likaDada esithi mabazikhonkxe, UNdaba aphuncuke ashiyek ebambe isibini-uDada nenekazi.
- Inenekazi lakuthenjiswa ngokukhululwa linikisa ngenkcukacha ezibalulekileyo zokuba balawulwa eRhawutini, indlela ezithutyleziswa ngayo iziyobisi apha eMzantsi Afrika.
- Ukuphuncuka kukaNdaba kumenza uDJ acinge ngokuba ubomi bakhe busesichengeni kuba iza kuthi ndi-i-i into yokuba nguye lo mphandi uzinikeleyo.
- UDJ uya eRhawutini ahlangane noNontsasa oveze ukuba iqumrhu lemigewu linazo iinkcukacha ngobukho bukaDumile eRhawutini ngefot nedilesi yakhe awayifumana akuggogqa isipaji sikaNontsasa.

- Oku kumenza adlange azimisele ukulwa kodwa uNontsasa amthengise koogxa bakhe ngokumsa kwindawo yokutyela apha kwathi kugcayiselwe ukuba kudutyulwe yena DJ, kodwa wasinda. Akalalanga uNontsasa neqela lakhe begcayisela uDJ ngesigcayiseli sebhombu esiqqibele sibulala uNontsasa.
- Kungacacanga kunjalo ukuba isizathu siyintoni na uNontsasa uvumelana noDJ ukuba ambulalele umyeni wakhe, ngokuthi umyeni enze isivumelwano noDJ ozenza umthengi weziyobisi kodwa abe naye egcayisele ngamapolisa waze wabe ungena emgibeni wokubanjwa umyeni kaNontsasa.
- Iqela lemigulukudu lithimba uMavis -isithandwa sikaDJ, okhulelwego kunyanzeleke ukuba uDJ aleqe ekhondweni anyanzeliswe ukuba axhome anikezele ngezitshixo zemoto ukuze ambone uMavis, wasuka wafika kungekho Mavis kodwa naye wabe equle ngamapolisa.
- Iphela incwadi izaphuli mthetho zifumanekile zafumana isigwebo esiqatha ngenxa kaDumile.

[25]

### **UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

- 7.1 Ngamabanjwa anobungozi, aqhawule entolongweni athengisa iziyobisi ngoku kufuneka ezingelwe abuyiselwe kugcino lwamapolisa. √√ (2)
- 7.2 Eyokuba unobuzaza lo mcimbi √√/ eyokuba unobu-ethe-ethe lo mcimbi. √√  
[Nayiphi kwezi] (2)
- 7.3 kukuzithemba √/ukuba nesibindi √/ ukungabi nantaka. √  
[Nayiphi kwezi] (1)
- 7.4 Yaba yihambo enebuyambo eyamthwalisa indwe kuba amabanjwa awayezonyulele ukuwazingela wawafumana ngokuthi amanye adutylwe afe kudubulwano namapolisa amanye abanjwe. √√ (2)
- 7.5 Kukushishina ngeziyobisi nokuzithubelezisa. √√ (2)
- 7.6 UDJ akazange awulandele umgqaliselo kuba waya ebharini ehotele ebusuku apha wadibana khona noNontsasa √√/Akazange awulandele umgqaliselo kuba uzibona ebethwa kwindawo yokutyela ekhutshwe nguNontsasa.ebusuku √√./ Eyokufika uSajini Dada ebhubhile kwakusebusuku. √√  
[Nayiphi kwezi] (2)
- 7.7 NguDJ. √/nguDumile Jojo. √  
[Nayiphi kwezi] (1)
- 7.8 Lihubeka eRhawutini. √ (1)
- 7.9 Yokuba kwakuza kuba nzima ukufumana uMavis. √√ (2)
- 7.10 Ngokuba uDJ uzincamela ukuba afumane uMavis anesibhambathiso somtshto naye oxhwilwe yimigulukudu. √√ (2)

- 7.11 Yimpixano yangaphandle ✓ kuba ukuhlangana kukaDJ nemigulukudu ethimbe uMavis kukuhlangana komthetho nolwaphulo mthetho eziziingcamango eziphixanayo kule noveli. ✓ (2)
- 7.12 Isisigqebelo kuba akakho uMavis kule ndlu athenjiswe uDJ ukuba uza kubonana naye kuyo. ✓✓ (2)
- 7.13 Sisifaniso ✓ esipuhlisa ukusithatha kwakhe isitshixo ngobungxamo. ✓ (2)
- 7.14 Ewe sisemthethweni kuba ipolisa kuphando lwalo xa lirhanelu ubungozi kubarhanelwa kusemthethweni ukuba licele uncedo kwamanye amapolisa ✓✓/ Hayi asikho semthethweni kuba uDJ usebenzisa isikhundla sobucuphi ukuxhaphaza amapolisa ekumncedeni kwingxaki yesithandwa sakhe esithinjiweyo. ✓✓ (2)  
[25]

## **UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **UMTHOMBO WOBOMI – N Mdekazi noT Kabanyane**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokusinga nzulu nokutolika ngendalela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-15 ukuhlola lo mbuzo.

### **Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Intsomi yenzelwa abaphulaphuli isenziwa ngenjongo ethile enokuba kukuqequesha/kukuyala/kukomeleza/kukukhuthaza/kukonwabiso njalo njalo.
- Nengoma ikwafezekisa ezi njongo kuba ivunyelwa injongo ethile ingakukukhuthaza/ ukomeleza/ ukonwabiso/ukuhambisa umsebenzi njalo njalo.
- Kukho unxibelewano olukhulu phakathi kwentsomi nengoma kuba kuxhaphakile ukuva ingoma phakathi entsomini.
- Injongo yengoma entsomini inemisebenzi yayo, enjengokubandakanya abaphulaphuli ekuthatheni inxaxheba ngokucula.
- Ingoma iseenza kakhulu ukudlulisa umyalezo/isinxengxezo/isicelo. Oku ungakufumana kakhulu kwezi ntsomi kukho ukutyeshelwa komyalelo apho kukho ungcungcutheko kumlinganiswa othile.
- Ingoma ingena lula entsomini, ithi intsomni nokuba ibimfutshane itsyo yoluteke ngenxa yengoma emana iculwa.
- Njengokuba imisebenzi yentsomni ikukonwabiso nje, zikho iingoma eziculelwua ukonwaba.
- Intsomi yenzelwa ukudlulisa umyalezo othile kwabo ibhekiselele kubo, kungokunjalo nengoma iculwe ukudlulisa umyalezo kulowo ijolise kuye.
- Kuyacaca ukuba uncwadi lwemveli olu alukhabani, kukho ukuhambelana kwimizekelo yalo.

[25]

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

- 9.1 Kukucela inzolo √/ Kukucela ukumanyelwa. √  
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 9.2 Ngokuthi kudala-dala √/ ngenye imini √/kwangoko √/xa ejika √/ akazange. √  
[Nasiphi isibini kwezi] (2)
- 9.3 Wokukhanya/ukutshintsha kwezinto zitshintshela kwicala elihle/  
elilungileyo √ Kukukrobisa kokuseza kwenzeka √/ uluphuphelo √ (2)
- 9.4 Kukutyhila izimo zabalinganiswa √√/ nokutyhila uvakalelo  
lwabalinganiswa √√/ nokutyhila imeko. √√  
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 9.5 ‘yonke into endiyibambayo’ √√  
Izaliseke ngokuba uKumkani yonke into awayeyibamba yayijika ibe yigolide (2)
- 9.6 Yayilinikiwe kodwa yasuka yaqinisekisa umnqweno sele ikrotyisiwe  
ngokukhathazeka kwentaka √√ (2)
- 9.7 Sesokuba iKumkani ifuna ukuba negolide suka yonke into ukuquka  
nentombi yayo ziguuke zibe yigolide. √√ (2)
- 9.8 Cingisia ngento oyinqwenelayo ucingele nezinye iimeko  
ezinokuchatshazelwa sisicelo osenzileyo. √√ (2)
- 9.9 Ngumbongo sikhuzo/ Ngumbongo ntuthuzelo/ Yi-eleji kuba ungokufa  
kweqhawe ebelilulutho eluntwini. √√  
[Nayiphi impendulo echanekileyo yomfundi.] (2)
- 9.10 Wambath’ ingubo kaqaqaqa √ sisaci. √ (2)
- 9.11 Injongo kukuveza inkohlakalo nentiyo eyondeleyo kwabaMhlophe kubantu  
abaMnyama. √√ (2)
- 9.12 Ikhankanya ukhongolose namakomanisi kuba uHani lo ebelilungu  
lalemibutho mibini. √√ (2)
- 9.13 Umxholo walo mbongo ungokubulawa kukaHani ngokungenalusini  
engenzanga nto phambi kwabantwana bakhe. √√ (2)

[25]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 25

**ICANDELO C: IDRAMA****UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****NATHI SINGABANTU: C S Hobongwana**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokusinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu Iwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-16 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- USikhulu uytsho ngokuphande kwincoko yakhe noMboniseni ukuba ungaze uthembe mntu, naye akazithembu yena siqu kwipolitiki kwizigqibo azithathayo.
- Uthi uSikhulu akuva ngoMboniseni iyelenqe eliphekwa nguMpilo lokumsusa esikhundleni, athi bafuna ukoxuthwa inqatha emlonyeni.
- Uyiveza elubala uSikhulu ukuba nguye obafake kwipolitiki ngoku bayamjikela ngokuthi abanakuphathwa ngumntu ongafundanga.
- Icebo uMpilo nequmrhu lakhe abalenzileyo kukusa uNohenjisi nemfuyo nayo yonke into engumthwalo eKapa kwaSikhulu kwindawo ehlala nabeLungu ngenjongo zokumhlazisa uSikhulu.
- Basebenzisa into kaNkosunaye ongumntwana okhubazekileyo besithi uza kuhlazeka uSikhulu kuba uyamfiha loo mntwana.
- USikhulu ungena kwiyelenqe lokumbulala lo mntwana kaNohenjisi ngokusebenzisa uNtsokolo noMzingisi ngetyhefu, mhla ngetheko kwakhe.
- Uyasinda apho uNkosunaye kuba nangona engathethi nje kodwa uyayibona into eyenziwayo, uyibonile into egalelwu nguMzingisi ekutyeni kwakhe ayebla xa etyiswa akakufuna ukutya nangona wayengayazi ukuba yityhefu.
- Xa ekunikwa ukutya nguNophiwo omgcinayo uNkosunaye, unikina intloko umqondiso wokungakufuni ukutya.
- Kuchithiwe yatya injya yafa.
- Akaphelanga mandla uSikhulu kwilinge lakhe ngokuphanza kodwa uthe uNkosunaye sele esesibhedlele wathumela izicaka zakhe uNtsokolo noMzingisi ukuba bayokumbulalela esibhedlele nalapho bawa phantsi.
- UThixo unecebo ngomntu wakhe wakwazi ukuchaza konke okwenzekileyo uNkosunaye kubecuphi wabe uyabanjwa uSikhulu neqela lakhe.
- Ukubanjwa kukaSikhulu kumphulukanise nesikhundla sakhe embuthweni.

[25]

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NATHI SINGABANTU – C S Hobongwana****ISICATSHULWA A**

- 11.1 UMpilo unabaxhasi kwicebo lokubhukuqa uSikhulu kwisikhundla sobumongameli wombutho olawulayo AUP √ ngelithi uSikhulu akafundanga ngokwaneleyo njengabo bona banezidanga. √ (2)
- 11.2 Uzibona engcatshwa ngabantu abakhulisileyo kwezopolitiko √√/ usibona singamelanga kuphelelwa isikhundla sakhe kuba ebancedile. √√/ uzibona engumongameli wanaphakade kulo mbutho kuba wawuqalayo. √√  
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 11.3 UMBoniseni ubonakala engumlinganiswa ongukhwelecingweni ngokwala magama kuba ukuzihlekalekisa kukuhleka noko uzazi ukuba awuhleki ukanti ukuthobeka yimeko engqalileyo ebonisa ukwamkela nokuyivuma imeko leyo. √√ (2)
- 11.4 Yimpixano yangaphandle √ kuba izifungo nezisongelo azenzayo zibubungqina bomlo phakathi kwakhe noMpilo. √ (2)
- 11.5 Aba bantu bathi into yakulunga bange bangayihlutha kubantu abebeyiqalile bayenze ngcono kunabaqali bayo bafuna ukuba umntu athathe izikhundla ezi bakuzo abalahle kude bangabinazihlalo kwiqela elilawulayo. √√ (2)
- 11.6 Ukuxambulisana, ukuphikisana, impixano nokungevani ngemiba okanye iimbono ezithile kukhula ngamandla kwaye kuyanda nanjengoko uSikhulu ephuhla ukuba uzimisele ukumlwa uMpilo. √√ / Kubakho iintlaba zahlukane, abanye babakwelinye icala abanye baxhase elinye. √√ (2)
- 11.7 Hayi kuba akazange aye kwandawo. √√ (2)
- 11.8 Yindlela amphethe uNkosunaye ngayo equka ukuzama ukumbulala, nokumdlwengula nokumenzela amayelenqe okuba makangabikho. √√ (2)
- 11.9 Uhlala edolphini, unomzi edolphini, unomfazi wasesikolweni uthenjiwe njengomlinganiswa onesikhundla esiphezulu sepolitiki kodwa kunjalo akanabo ubulumko obulindeleke kumntu wasesikolweni okanye onesihlalo esiphezulu sepolitiki. √√ / yinkolelo anayo yokuba abantu abanezikwasilima zomzimba balilishwa ehlala edolphini enjalo ekwanesikhundla esiphezulu sepolitiki. √√/ kukungawazi uMgaqo Siseko awumeleyo epalamente ukuba umkhusela kwisikhundla xa enzeni. √√  
[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)
- 11.10 Kwathi kanti (a) NguMzingisi, √ (b) NguSikhulu √ (2)

- 11.11 Sesokuba uSikhulu waye wamthengela uMzingisi noNtsokolo ukuba babulale uNkosunaye wabe yena siqu eme esangweni efuna ukuqinisekisa ukuba isenzo siyaqhubekeka. √√ (2)
- 11.12 Yintlekele siyoliso √ kuba nangona unendyikitya yezechlo ezizonde ukwenzakalisa abantwana, usenza sihlale sibambe amazinyo, uloyiso olufunyanwa nguNohenjisi lokuphumelela ekulweleni amalungelo abantwana lulona lusinika ulonwabo singabafundi bencwadi kwakunye nabantwana batsho bakhululeka. √√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO C:** 25  
**AMANQAKU EWONKE:** 80

**ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>  Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.  <b>6 AMANQAKU</b>	<b>5-6</b>  -Isihloko sitolikwe ngokunzulu -Ingxoxo enomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.	<b>4</b>  -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	<b>3</b>  -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo. -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	<b>2</b>  -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhalela kulwazi lwesihobe.	<b>0-1</b>  -Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>  Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlle yokubhala. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala isincoko  <b>4 AMANQAKU</b>	<b>4</b>  -Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo zixonxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	<b>3</b>  -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becalala	<b>2</b>  -Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	<b>1</b>  -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoilo. -Ingxoxo ayicwangcisiwanga ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	<b>0-1</b>  -Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0-1</b>

**QAPHELA:** **Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe u-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.**

## AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Balaseleyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Bhetyebhetye
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo igqwesile. 14–15</li> <li>-Impendulo ebalaseleyo. 12–13</li> <li>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko.</li> <li>-lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.</li> <li>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.</li> <li>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo.</li> <li>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.</li> <li>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.</li> <li>-Akho amanqaku asixhase ngokufanelekileyo isihloko.</li> <li>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.</li> <li>-Ulwazi lwejenre/netekisi aluggibelelanga.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Buncinane ubungqinaobubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.</li> <li>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.</li> <li>-Impendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.</li> <li>Lincinane ulwazi ngejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Luncinci kakhulu ulwazi ngesihloko</li> <li>-Uthe ntlo nje kumbuzo/kwisihloko</li> <li>-lingxoxo azibambeki</li> <li>-Umfundi akakayibambi ijenra netekisi</li> </ul>
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo siyathungelana.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo esigqweileyo.</li> <li>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo.</li> <li>-Ulwimi ithoni, nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.</li> <li>-Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Bukho ubungqina besakhiwo obungaggibelelanga.</li> <li>-Unamathelwano nothungelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.</li> <li>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.</li> <li>-Imihlathi ichanekile ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.</li> <li>-Izimvo azithungelani kakuhle.</li> <li>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.</li> <li>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.</li> <li>-Imihlathi ineziphene.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelwano lwezimvo.</li> <li>-limposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqе kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.</li> <li>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala. azifanelekanga</li> <li>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.</li> </ul>
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–19</b>	<b>10–14</b>	<b>5–9</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mniqe i-0